BLACKSASH
MAKING HUMAN RIGHTS REAL



I-Black Sash ithi urhulumente makanikeze Ngenkxaso Yemali Esisiseko kwabo baneminyaka eyi-18 ukuya kweyi-59 abangenamali ingenayo ngenyanga okanye abapeya imali encinci!

Olu qoqosho luzikayo ne-Covid-19 zenze intswela-ngqesho, indlala nokungalingani kwanda kakhulu. Urhulumente uvelise amalinge okothula umthwalo eluntwini ukuze bakwazi ukumelana nemeko embi yobhubhane. Elinye lalo malinge yigranti ye-R350 i-Covid-19 Social Relief of Distress (SRD) eyenzelwe abantu abangaphangeliyo, kuquka nabanyamekela abaguli. Olu lungenelelo olubonakalayo lukarhulumente olubonisa ukuba uyaqonda ukuba abantu abangaphangeliyo abanakuzixhasa ngokunokwabo. Ngenxa yoxinezelelo oluvela eluntwini, le granti iza kuhlala ikho de ibe nguMatshi 2024.

INGCACISO EBALULEKILEYO

INKXASO YEMALI ESISISEKO

Inkxaso Yemali Esisiseko yigranti yabo baneminyaka eyi-18 ukuya kweyi-59 abangapeyiyo nabapeya imali encinci kuba kunzima ukufumana imisebenzi.

LE NKXASO YEMALI ESISISEKO

Le Nkxaso Yemali Esisiseko yazweni-banzi yimali engena qho evela kurhulumente kuye wonke umntu ohlala eMzantsi Afrika. Akunamsebenzi nokuba bayaphangela, abaphangeli okanye abafuni kuphangela okanye bayafuna, bazizinana okanye ngamahlwemi, kuquka nokuba baneminyaka emingaphi ubudala.

I-BLACK SASH IBETHA NGENQINDI ETAFILENI NGELITHI URHULUMENTE MAKENZE OKU KULANDELAYO

1. Avelise inkxaso yemali esisigxina kubantu abasokola kakhulu abaneminyaka eyi-18 ukuya kweyi-59 imali eyi-R1,558.00 ngenyanga, kuquka nabo bapeya iigranti zabantwana;
2. Aphinde onyuse imali zazo zonke iigranti ngokusisigxina nge-R250 ngenyanga kanye njengoko wenzayo ngexesha leCovid-19;
3. Aqinisekise ukuba ezi zinto zichazwe ngasentla ziyafunyanwa naziimbacu, abemi abasisigxina kweli lizwe, iimbacu zokwexeshana nabasebenzi abavela kwamanye amazwe abaneempepha-mvume ezikhethekileyo; kunye
4. Asebenzele ekuziseni imali esisiseko yazwenibanzi!

INDLELA EZA KUFUNYANWA NGAYO LE GRANTI ISISISEKO

Zwenibanzi

imele ivuleleke wonke umntu

Yeyomntu ngamnye

ilungiselelwe umntu ngamnye, hayi usapho okanye iqela elithile

Ingabi namiqathango

akukho miqathango efunekayo ukuze umntu afanelekele ukuyifumana

Ngendlela enesidima

Imali yale granti imele ibe ninzi ngokwaneleyo ukuqinisekisa ukuba umntu oyifumanayo uba nesidima aze abe ngumntu phakathi kwabantu

BLACKSASH
MAKING HUMAN RIGHTS REAL

Kuba inqabile imisebenzi eMzantsi Afrika, sifuna inkqubo equka wonke umntu nebanika amalungelo abo asisiseko. Le granti ye-SRD iluphawu olubonisa ukuba urhulumente uyayazi ukuba kunzima ukufumana umsebenzi, nokuba amaphulo okudala imisebenzi amele akhatshwe yigranti yabantu abangaphangeliyo. Le granti lunyathelo lokuqala lenkqubo yokuncedisa abantu abangaphangeliyo, ngoku urhulumente umele asebenzele ekuveliseni Igranti Esisiseko neza kuhlala ikho.

Imigaqo yomthetho

Umgaqo-siseko ngowona mthetho umkhulu eMzantsi Afika. Urhulumente wenza isifungo somgaqo-siseko phantsi kweCandelo 27 loMgaqo-siseko lokuba uza kukhulula ngokuqhubekayo ilungelo lenkxaso yoluntu kwabo bangakwazi ukuzixhasa ngokwabo. Urhulumente wavuma ngokusemthethweni kwi-International Covenant of Economic, Social and Cultural Rights (ICESCR). I-ICESCR yacebisa ukuba "abo baneminyaka eyi-18 ukuya kweyi-59 abapeya kancinci okanye abangenakwamali ingenayo baxhaswe" nokuba urhulumente makazame iindlela zokwenza igranti esisiseko yomntu wonke. Urhulumente umele ayipasise le mithetho ngokukhawuleza!

YENZA ILIZWI LAKHO LIVAKALE!

Yiya ku Amandla.mobi ukuze usayine ipetishini yethu uze wabelane ngayo kwabanye kumakhasi onxibelelwano usebenzisa u#18to59 years

Yiya www.blacksash.org.za okanye usibhalele imeyile ku bis@blacksash.org.za ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe

BASIC INCOME Support #18to59